AL HIDAYAH CENTRE
EASTERN CAPE

# ILIZWI LE-ISLAM

NEWSLETTER *isiXhosa*


ISSUE 4 - APRIL 2019

*Inside this issue*

**MOTIVATION:**
ISICATSHULWA SENKUTHAZO

**BIOGRAPHY:**
HAZRAT UMAR RADHIALLAHU ANHU

**IMIBUZO NEEMPENDULO:**
HANAFI FIQH




LATEST XHOSA PUBLICATION

**TAYSEERUL AQAAID**
Basic Islamic Beliefs in the Xhosa language

Download:
http://alhidayah.co.za/tayseerul-aqaaid/

XHOSA RESOURCES:

XHOSA TAFSEER AUDIO
https://archive.org/details/XhosaTafseer

XHOSA NEWSLETTER
https://archive.org/details/IlizwiLeIslamXhosa

# ISRA AND MI'RAJ

**ISRA**

Uhambo lobusuku lukaRasoolullah Sallallahu alayhi wasallam ukusuka eMakka ekhwele iBuraaq ukuya eMasjid-al-Aqsa eJerusalem

Makuzukiswe lowo Wathabatha isiCaka sakhe (uMuhammad) Esithabathela uhambo ngobusuku ukusuka eMasjid-al-Haram ukuya eMasjid-al-Aqsa khon'ukuze Sibonisa imiqondiso yeThu. (Quran 17/1)

Alhamdulillah ngenxa yeenceba zika-Allah kwihlabathi liphela, ingakumbi kuthi maMuslim, kuba thina usibabale nangakumbi ngokusenza sibe ngabalandeli bomProfethi wakhe wokugqibela uMuhammad sallallahu alayhi wasallam. Yena u-Allah waya wambabala ngokuthi amenze intandane Yakhe kuyo indalo Yakhe wonga elo elalinqwenelwa nangabanye abaProfethi. NjengaNtandane ka-Allah TA'ALA kukho izipho ezingummangaliso ezathi zaqala zabe zigqityeliswa ukunikezelwa mhlawumbi, zanikwa uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam. Esinye sezozipho zingummangaliso zigqibeleleyo awathi wawongwa ngaso sisipho seMi'raj. Ngokufutshane inkcazelo yeMi'raj kukumenywa kukaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngu-Allah Ta'ala emazulwini. Kwelo hambo lungcwele u-Allah Ta'ala wathumela iiNgelosi ezimbini ezikwinqanaba eliphezulu (uGabriyeli noMikhayeli) ukumpheleka njengabancedisi Bakhe sallallahu alayhi wasallam. Ngabusuku buthile ngethuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wayelele endlwini yomzala Wakhe u-Ummi Hani RadhiAllahu Anha kwafika uGabriyeli kunye noMikhayeli bamvusa ebuthongweni. Bahamba naye uRasoolullah sallallahu alayhi baya kwindawo yeHateem ekwiMasjidulHaram. Apho kwiHateem uGabriyeli wakhupha intliziyo Yakhe wayihlamba ngamanzi eZamzam, emva koko wandivula isifuba wayigcwalisa i-Imaan, ukukhanya (Noor) nezinye izibonelelo zika-Allah, wakugqiba wasivala isifuba sam. (Ibni Hajr)

I-Ulama apha uzifumana ulwazi lokuba akukho manzi engcono ukogqitha amanzi eZamzam, amanzi eZamzam akwinqanaba eliphezulu ukogqitha inqanaba lamanzi eQula leKowthar nakumanzi emilambo yaseJannat. (Umdatul-Qari) Intliziyo eyahlanjwa nguGabriyeli, yeyona ntliziyo ingcono kuzo zonke iintliziyo, kuba yintliziyo yeyona Mntu ungcono kwindalo iphela, iNgelosi eyathunyelwayo ukuzokwenza lo msebenzi Yeyona Ngeliso ingcono kuzo zonke iiNgelosi. Emva koko wahamba uRasoolullah sallallahu alayhi ekhwele iBuraaq (isilwanyana obukhulu baso buphakathi kwe Esile nedonki) ukuya eJerusalem. EJerusalem uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam waya wakhokela emthandazweni bonke abaProfethi ukususela ku Adam Alayhi Salaam uzokutsho kuMprofethi Isa Alayhi Salaam.

**MI'RAJ**

Uhambo lwaqhubekeka ukusuka eJerusalem behamba noGabriyeli uyokutsho emazulwini. Emazulwini kulapho wadibana nabanye abaProfethi, u-Adam, Isa, Yahya, Yusuf, Idrees, Haroon kunye noMoosa Alayhim Salaam. Endleleni eya ku-Allah wabona indlu ebizwa ngokuba yiBaytil Ma'moor sakhiwo esi sifana nqwa neKa'ba eMakka. IBaytul Ma'moor izinze ngokungqamelene naphezu Ka'ba, kuyo kungena malunga ne70 000 yeeNgelosi ezahlukeneyo zize

*Continued on page 2*

## XHOSA TAFSEER CLASSES

PORT ELIZABETH | APRIL 2019
Conducted by Al Hidayah Centre

**Masjid Zikrullah, Ngadla Street, Motherwell**
7 • 14 • 21 • 28 April | Sundays after Zuhr

**Al Fidaa Musalla, Marikana**
1 • 8 • 15 • 22 • 29 April | Mondays after Maghrib

**Kwazakhele Jamaat Khana, Vuku Street**
2 • 9 • 16 • 23 • 30 April | Tuesdays after Maghrib

# ISRA AND MI'RAJ

*Continued from page 1*

kunqula u-Allah, senzo eso siyakuqhubekeka kude ibe yimini yokugqibela. Ukusuka apho bahamba noGabriyeli bayokufika kwindalo ebizwa ngokuba yiSid-ratul Muntaha,apho wema khona uGabriyeli wathi yena akuvumelekanga ukogqitha kuyo, waqhubekeka nohambo yena uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam. Ekubeni enyukile nangakumbi kulapho wathi wafumana isipho somthandazo. Ekuqaleni wanikwa imithandazo engamashumi amahlanu ngemini, kodwa xa esihla uRasoolullah wadibana nomProfethi uMosisi Alayhi Salaam wathi akubuzwa malunga nesipho asifumeneyo, wathi ekubeni echazile, wathi uMosisi Alayhi Salaam Cela u-Allah ukuba alicuthe inani lale imithandazo, Wenyuka uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam amatyeli ngamatyeli yada igqibela inani layo imihlanu.

Nasekubeni imithandazo esiyithandazayo imihlanu, kodwa ngenxa yeenceba, sisafumana umvuzo wemithandazo engamashumi amahlanu. Ekubeni ebuyile kolo hambo uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, wawachazela amaSahaba RadhiAllahu Anhum ngohambo lwakhe nangezinto awazibonayo malunga neJannat neJahannam. Kodwa njengokuba amaSahaba RadhiAllahu Anhum wona alikholelwa elo hambo, bona abangakholwayo baseMakka azange balikholelwe olo hambo, koko benza intlekisa ngalo. Kungeso sizathu apho u-Abu Bakr RadhiAllahu Anhu wafumana itayitile ka-ASSiddiq ngokubonisa ukukholelwa kwakhe okungagungqiyo kwiimfundiso zikaRasoolullah Sallallahu alayhi wasallam.

Kuba wathi xa ebuzwa ukuba uyakholelwa kolu hambo lwe MIRAJ ne -Israa waphendula wathi ngaphandle kwamathandabuzo uyakholelwa kuyo lo ngxelo kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, kulapho khona u-AbuBakr RADHIALLAHU ANHU wafumana itayitile yokuba ngu Assadiq (umntu onyanisekileyo).

# IXESHA LOKUBA ULILE

Yazeed Ibni Hajr Maysarah Rahmatullah Alayhi wathi: Izizathu zokuba umntu alile zisixhenxe: Ukukhathazeka, ukuvuya, ukoyika, ukuqhayisa, intlungu, ukubulela kunye nokoyika u-Allah. Kona Ukulila ngenxa yokoyika u-Allah ezo inyembezi zinamandla okucima amadangatye omlilo wesihogo. Uncoma amakholwa aqubudayo elila: Abo bawa ngobuso phantsi belila, kwaye (IKurani) iyabakhulisa ukuzithoba nokuzinikezela. (Quran 17:109)

Ukulila ngexesha elifanelekileyo yindlela eyiyo yokuzama ukusondela ku-Allah.

Nanga amaxesha apho kufuneka singazibandezi ekulileni:

**UKOYIKA U-ALLAH**
uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wayedla ngokulila ngexesha lobumnyama belanga(ngenxa yokuba esoyika u-Allah). (Shamaail Tirmizhi)

**XA UPHULUKENE NELUNGU LOSAPHO**
uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam naye walila ngethuba kusweleke unyana wakhe u Ibrahim RadhiAllahu Anhu. Wathi intliziyo iyakhathazeka, amehlo ayalila, sikhathazekile ngokohlukana kwethu nawe O Ibrahim RadhiAllahu Anhu.

*TO BE CONTINUED*

# *UBOMI BUKA UMAR* *RADHIALLAHU ANHU*

Igama lakhe yayi ngu-Umar Ibni Alkhattab, igama likatata wakhe yayingu Al Khattab yena umama wakhe yayingu Hantama binti Hashim Al mugheerah.Phambi kokuba omnkele i-Islam u-Umar RadhiAllahu Anhu wayekhabana kakhulu ne-Islam, kangangokuba wayengomnye wabo babe tshutshise amaMuslim. Ngenxa yempawu ezithile awayenazo uRasoolullah sallallahu alayhi wada wenza iDua ukuba u-Allah amoleze i-Islam ngo Abu Jahl okanye u-Umar. U-Allah wenza ukuba u-Umar RadhiAllahu Anhu ibenguye lowo u-Allah amchongele ukomeleza i-Islam. Inene ngokomnkela kwakhe i-Islam yatsho yomelela kwaye been tshutshise awayezifumana zatsho zancipha. Xa wayeyishiya iMakka efudukela eMadina,azange azimele xa esenza oko koko waya kwiHaram wenza iTawaaf yeKa'ba, wakugqiba wazisa kubantu ababekhona ukuba uyafuduka ukuya eMadina, kengoko nawuphina ofuna ukwenza umfazi wakhe umhlolokazi okanye ofuna ukushiya abantwana bakhe njenge nkedama makame endleleni yakhe amnqande ukuba afuduke, azange kubekho namnye oma endleleni yakhe yokuba aye eMadina. Waye ligorha nekroti elinjalo u-Umar RadhiAllahu Anhu. Nasekubeni waye ligorha elinjalo, waye ngumntu othobekile nozithibileyo kangangokuba wayesithi akuqgiba ukwenza umsebenzi wakhe, wayendwendwela abahlali khona ukuze azokubanceda kwingxaki zabo. Lena yayiyinkokheli yabantu kodwa ifikeleleka, hayi ukufikeleleka nje koko wayesiya kubo khona ukuze aqiniseke ukuba bonke abahlali bakhathalelekile. Lena yinkokheli ezazigqitha iinyanga ngaphandle kokuba kube kwabhakwa isonka sengqolowa endlwini yakhe, hayi kuba ethanda koko kuba ingekho ingqolowa endlwini yakhe. Umnqweno wakhe yayikukuba nokuba uphila ebugxwayibeni yena, kodwa abahlali bona mabangaphili ebugxwayibeni. Iintsapho zamajoni asemfazweni wayeququzelela ngokwakhe ukuthenga izinto ezizifunayo ezivenkileni. Ebusuku wayengalali koko wayejikeleza ezitratweni ukuqinisekisa ukuba wonke umntu ukhuselekile.

Omnye umthetho owawugqamile ka Umar RADHIALLAHU ANHU yayikukuba bonke abantu abakhubazekileyo, abadala kunye nezilima kwakufuneka befumene inxaso mali kunondyebo welizwe, eyiMuslim, enguMkrestu okanye nayiphi na inkolo. Lo inxaso mali wayeyinikezela ngokwakhe ukuzalisekisa amazwi kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wokuba “Inkokheli yabantu ngokuyinyani sisicaka sabantu”. Ingaba namhla ikhona inkokheli eyenyanzayo lo nto? Ngoko kwazi kwam ayikho. Nazo ke namhlanje iinkokheli esizifunayo khona ukuze umphakathi uzokuphuhla. U-Umar RADHIALLAHU ANHU wasweleka emva kokuhlaselwa ngumPeresi ogama lingu Abu Lu'lu'Ah, ngexesha ekwiSujood ethandaza umthandazo weFajr. Wasweleka eneminyaka eyi 63 Radhiallahu Anhu.

# IMIBUZO NEEMPENDULO NGOKWE HANAFIE MAZHAB

**Q: Ngubani okufuneka enikezele iZakaat?**
A: Ukunikezela iZakaat kulunyanzelo kumntu oyiMuslim esele ifikisile,ophilileyo engqondweni, ongelo khoboka, ukuba unobutyebi obulingana nenisaab unyaka wonke.

**Q: Yintoni umlinganiselo ekufuneka ubenawo xa umntu enegolide nesilivere?**
A: Ukuba umntu enegolide enobunzima obuyi 87,479 g okanye isilivere enobunzima obuyi 612,36g Ukunikezela iZakaat kwabo bantu kulunyanzelo.

**Q: Lingakanani ixesha ekufuneka lilindwe ngumntu obhinqileyo emva kokusweleka komyeni okanye emva koqhawulo umtshato?**
A: Kufuneka abale iintsuku ezilikhulu elinamashumi amathathu ekuswelekeni komyeni.

**Q: Ukuba umntu sele ehlambe umzimba wonke (Ghusl) ingaba kuyimfuneko ukuba aphinde enze iWuzu eyodwa?**
A: Emva kokuhlamba umzimba akuyomfuneko ukuba senze iWuzu kwakhona.

**Q: Kuvumelekile na ukubulisa umntu owenza iWuzu?**
A: Akuvumelekanga ukubulisa umntu owenza iWuzu.

**Q: Ingaba ukutshaya kuyayophula I fast? Ukuba kunjalo ingaba kufuneka wenze iQadha neKafara okanye iQadha yodwa?**
A: Ukutshaya kuyayophula I fast kwaye kufuneka wenze iQadha neKafara.

**Q: Ukutofa ingaba kuyayophula na ifast?**
A: Ukutofa akuyophuli ifast.

**Q: Ingaba ukopha umongo kuyayophula I fast?**
A: Ukuba igazi liyaphuma empumlweni alihli emqaleni, ukuzila akophuki,kanti xa igazi lithe langena emqaleni, ukuba igazi lininzi kunamathe ifast iyophuka kanti ukuba lincinci kunamathe ifast ayophuki.

**Q:Ingaba Kuvumelekile na kumntu ozilileyo ukuba asebenzise iyeza lamehlo, iyeza lendlebe okanye iyeza leempumlo?**
A: Kuvumelekile ukusebenzisa iyeza lamehlo, kodwa lona iyeza leempumlo nelendlebe akavumelekanga.

**Q: Uthini umThetho weSharia malunga nomntu opheka enkolweni phandle, ingaba ukususela kwakhe umsi ngaphandle kwenjongo xa ezile ukutya kuyayophula na inzila?**
A: Ukusezela umsi xa uzilile ngaphandle kwenjongo akukophuli ukuzila.

---

MOTIVATION

# ISICATSHULWA SENKUTHAZO

Ngaxesha lithile omnye wabafundisi be ISLAM bamandulo, igama lakhe yayi nguMalik Bin Dinaar, wayerenta indlu ekufutshane nendlu yomJuda, U mnyango wegumbi lakhe wawujongene nomnyango wendlu yalomJuda. Ngenxa yokumdelela lo mJuda wayesoloko elihlabathilizakufikelela umgqoma wakhe phambi komnyango kaMalik Bin Dinaar ngamanye amaxesha kude kungcono neMusallah. Le mpatho mbi yaqhubekeka ithuba elide, kodwa azange akhalaze uMalik Bin Dinaar.

Ngaminazana ithile lo mJuda weza kuMalik Bin Dinaar wabuza wathi: Ingaba okukungcola ndikuphosa phambi kwendlu yakho akukukhathazi na?

Malik Bin Dinaar waphendula wathi kuyandikhathaza, kodwa ndisuka ndiyicoce lo ndawo ingcolileyo. U mJuda wabuza ukuba kutheni unyamezela konke obubunzima ndikufaka kubo, Malik Bin Dinaar: Kungenxa yokuba u-Allah usithembisa ngomvuzo omkhulu kulowo uwulawulayo umsindo wakhe kwaye abaxolele abanye abantu. UmJuda: Ngokuqinisekileyo inkolo yakho (Islam) intle.

Xa ikwazi ukuyalela ukunyamezela nobunzima obuvela kwiintshaba zayo. Eli Juda lachukumiseka kokuziphatha kuka Malik Bin Dinaar latsho ukomnkela i-Islam. Ingaba thina ziMuslim zangoku indlela yethu yokuziphatha ingakwazi na ukuchukumisa abantu abangakholwayo ukuba bakholwe kwinkolo ye-Islam.

Ngubani othi ukuze ube ngumzekelo wokuba uyi Muslim kufuneka uphathe ikrele unqumle iintamo zabantu.

# AMASHIA

Siyazi sonke singamaMuslim ukubaluleka kokholo ku-Allah Ta'ala nakwimiyalelo Yakhe. Kananjalo siyazi ukuba akukho nto inexabiso ukogqitha i-Imaan, kwaye akukho namnye kuthi ofanele ukuba anikezele lula ngayo, kuba uphulukene nayo ayikho enye into enokuthabatha indawo yayo.

Kengoko kubalulekile ukuba olubabalo sibabalwe ngalo silukhusele kwaye silugcine lungatshintshanga ngalo lonke ixesha. Kufuneka siyazi ukuba le nkolo ye -Islam umqolo wayo yiKurani nokukholelwa ngaphandle kwamathandabuzo kuMprofethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam, ukuba wayiphila, wayifundisa, wayicacisa iKurani, yonke into efanelwe ukuba yaziwe ngabantu. Kuba inkolo ye-Islam ukugqibelela kwayo kungqinwa ngu-Allah ngokwakhe kwikurani xa esithi: Namhlanje, Ndinifezekisele inkolo yenu, Ndalugqibelelisa uBabalo lwaM kuni, Ndanikhethela i-Islam ukuba ibe yinkolo yenu. (Quran 5:3)

Naluphina uxwebhu ukuze libe semthethweni kufuneka lisayinwe nguMnikazi walo. Ngokunjalo u-Allah Naye ukugqibelela kweKurani ukungqinisise ngokwakhe kule vesi ingentla, emva koko obunye ubungqina abomnkelekanga nokuba ngubani na ozanabo. Xa singamaMuslim kufuneka sihlale sivule amehlo, kuba bakhona abazibiza ngokuba nabo baziiMuslim xa beqala ukudibana nathi, ukuze ethubeni xa sele belivile ukuqina kwalo ifokotho lwethu enkolweni kube kukhona baveza iNkolo yabo yokwenyani. Njengokuba esitsho u-Allah Ta'ala kwenye ivesi esithi: Ebantwini kukho abathi: Siyakholelwa ku-Allah nakwiziTyhilelo Mini yokugqibela, kodwa bengakholwa. Bacinga bakhohlisa u-Allah kunye nabo bakholwayo kanti bazikhohlisa kwabona koko abaqondi! (Quran 1:8-9)

Xa beqala babanga ukubaluleka kokuhlonipha nokuthanda uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam kunye nosapho lwakhe,nto leyo nathi esiyigxininisisayo, kodwa thina asiphelelanga ekuhlonipheni uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam kunye nosapho lwakhe koko sihlonipha sithanda onke amaSahaba RadhiAllahu Anhum. Bona aba bazenza AmaMuslim bengengawo phofu bona bakhetha amaSahaba RadhiAllahu Anhum athile ukuba ngawo angamaMuslim amanye amaSahaba RadhiAllahu Anhum obatyhola ngokuba wona akreqa kwinkolo ye-Islam emva kokusweleka kuka RASOOLULLAH sallallahu alayhi wasallam, ngokwamampunge wabo kumaSahaba RadhiAllahu Anhum ayeyi 124000 mahlanu qha aqhubekeka ne-Islam emva kokusweleka kuka RASOOLULLAH sallallahu alayhi. Ukholo lwethu Ahlus Sunnah Wal Jama'a kukuba amaSahaba onke aye ngabantu abalungileyo, kwaye ngawo esinokuthi sibone kubomi bawo ubunjani beenfundiso ze-Islam. Ngaphandle kokuthi sifunde kwaye silandele iimfundiso zawo, ngesingazange sibe nenyhweba yokuba sifumane iKurani ngobunjalo bayo njengokuba yayinjalo ngexesha loMprofethi u-Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam. I-Islam esiyilandelayo isekelezelwe kwiKurani nakwiSunnah. Nayiphi na into emalunga nenkolo eyayi ngagunyaziswanga ngu-Allah kunye noRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ayinandawo kwi-Islam,ingakumbi ukuba loo mfundiso ikhabana neKurani neSunnah. Lumnkani kengoko eliqela alingawo AmaMuslim, kuba bakholelwa kwezinye izinto ezininzi abakhabanayo kuzo ne-Islam. Lumnkani kengoko ningaphulukani nenkolo yenu ngenxa yabalahlekisi. Kengoko xa udibana nabantu abanjalo ngoko nangoko zama ukubuza kwii-Imaam okanye ii-Ulama zasekuhlaleni ukukhusela inkolo yakho.







Serves: 10 - 12 pancakes
Cooking Time: 20 mins

## INSTRUCTIONS

1. Sift the flour, baking powder, sugar and salt into a mixing bowl. Whisk the eggs with 1 cup milk and add to the dry ingredients. The batter should be quite runny, like pouring cream, so add more milk if you need to.
2. Let the batter rest in the fridge while you heat ½ tsp oil in a non-stick frying pan on high.
3. Ladle some batter into the pan and quickly swirl it around to cover the surface. After about 30 seconds bubbles will start to appear on the pancake's surface and the batter will no longer be runny. Flip the pancake and cook for 30 seconds on the other side.
4. Slide the cooked pancake onto a plate and sprinkle with cinnamon sugar. Repeat with the rest of the batter, stacking the pancakes and adding some cinnamon sugar to each layer. The sugar will dissolve into a thin, cinnamon -rich syrup. Roll the pancakes when you are ready to eat.

**NOTES**

Add a dash of lemon juice for a rather surprising taste explosion!

## INGREDIENTS

1 cup cake flour
1 heaped tsp baking powder
1 tsp sugar
pinch of salt
2 small eggs
2 cups milk
sunflower oil
cinnamon sugar to serve

**Published by Al Hidayah Centre Eastern Cape. This newsletter is distributed throughout the Eastern Cape. Contact us to advertise, or to support our projects on:**
**041 492 2773 Mon-Fri 8.30 am - 4.00 pm**

041 492 2773 @Hidayah_Centre hidayah_centre Al Hidayah Centre info@alhidayah.co.za 18 Bonaventure Crescent, Salsoneville

AL HIDAYAH CENTRE EASTERN CAPE